

IZITHINTELO KUSETYENZISO LWAMANZI

IZINTLU ZOKUSEBENZISA AMANZI	IZITHINTELO ZOKUSETYENZISWA KWAMANZI KAMASIPALA ASELWAYO ZENQANABA 1
UKUNKCENKCESHELA NGEMIBHOBHO YOKUNKCENKCESHELA /IZIFEFEZI	Ukunkcenkceshela ngamanzi aselwayo kamasipla kuvumeleke kuphela ngoLwezibini nangeMigqibelo ngaphambi kweye-09:00 okanye emva kweye-18:00 ngokomlinganiselo weyure enye ngosuku ngokwepropati leyo. Imibhobho yokunkcenkceshela kufuneka ifakelelwe isixhobo esizivalayo ngokunokwaso.
UKUNKCENKCESHELA NGEEDRIPHA/UMBHOBHO WEDRIPHA/UMBHOBHO OFEFEZA NJENGEMVULA/IBHAKETHI/IKANI YOKUNKCENKCESHELA	Ukunkcenkceshela ngamanzi kamasipala aselwayo kuvumelekile kulo naluphina usuku evekini ngaphambi kweye-09:00 okanye emva kweye-18:00.
AMABALA EZEMIDLALO / IIPAKI	Ukunkcenkceshela ngamanzi kamasipala aselwayo usebenzisa izifezezi nemibhobho kuvumeleke kuphela ngoLwezibini nooLwezihlanu ngaphambi kweye-09:00 okanye emva kweye-18:00. Imibhobho yokunkcenkceshela kufuneka ifakelelwe isixhobo esizivalayo ngokunokwaso.
AMAQULA OKUQUBHA	Ukuzaliswa okanye ukugalelwa kwamanzi aselwayo kamasipala kumaqula okuqubha kuvumeleke: - Xa iqula elo ligqunywe ngesisigqubutheli sequla esiluqilima ekungakwazi ukubona ngaphaya kwaso xa lingasetyenziswa - Xa kuthi kubenakho ukusetyenziswa kwakhona kwamanzi okuhlamba asele esetyenzisiwe nokusetyenziswa kwamanzi emvula ekugcwalisweni kwequla elo
UKUHLANJWA KWEZITHUTHI (lindawo zabucala nezisezitalatweni zokuhlancwa kwezithuthi)	Ukuhlancwa kwezithuthi, iikharavani namaphenyane ngamanzi aselwayo kamasipala kuvumeleke xa usebenzisa ibhakethi okanye isixhobo sokucoca esinoxinzelelo oluphezulu, olusezantsi.
UKUHLANJWA KWEZITHUTHI (lindawo zokuhlancwa kwezithuthu ezingezamashishini)	Ishishini lokuhlamba izithuthi lingawasebenzisa amanzi aselwayo kamasipala ngokuxhomekeke ekubeni ishishini elo lisebenzisa eyona migaqo yamkelekileyo engokulondolozwa kwamanzi nokusetyenziswa kwakhona kwamanzi asetyenzisiweyo (ukurisayiklisa) ubuncikane angangama-50%.
IMITHOMBO YAMANZI	Kuvumelekile ukusetyenziswa kwamanzi kamasipala aselwayo.

CINGA NGAMANZI
NAKEKELA OKUNCINANE. YONGA KAKHULU.

www.capetown.gov.za/thinkwater



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. **Sisonke.**

Imigaqo yokusetyenziwa kwamanzi esisigxina imiselwe

Imigaqo yoMthetho kaMasipala engezaManzi isebenza ngawo onke amaxesha nokuba leliphina inqanaba lezithintelo zokusetyenziswa kwamanzi.

- Ukunkcenkceshela kuvumeleke kuphela ngaphambi kweye-09:00 okanye emva kweye-18:00. Oku kujoliswe ekunkcenkcesheleni ngamanzi aselwayo kamasipala, amanzi akwizitsala-manzi nakumaqula.
- Ukusetyenziswa kwemibhobho yokunkcenkceshela okanye ekuhlanjweni kwezithuthi, amaphenyane neekharavani (apho kuvumelekileyo) kufuneka oko kufakelelwe isixhobo esifanelekileyo esilawula ukuphuma kwamanzi esifana nesifefezi okanye isixhobo esizivalayo ngokunokwaso.
- Izixokelelwane ezifefeza oku kwemvula (apho kuvumelekileyo) kufuneka zibenako ukumiselwa ngendlela efanelekileyo kwaye zibenakho ukulungiselelwa ukuze kuthintelwe inkcitho yamanzi.
- Amanzi akwizitsala-manzi nakumaqula kufuneka asetyenziswe ngobuchule nangokufanelekileyo.
- Amashishini ahlamba izithuthi ngenjongo yorhwebo kufuneka athobele iinkqubo ezifanelekileyo zamashishini ngokuphathelene nokusetyenziswa kwamanzi kwisithuthi ngasinye esihlanjwayo.
- Onke amaqula okuqubha kufuneka egqunyiwe ngezigqubutheli zamaqula ukuze kuthintelwe ukuphuma komophu xa engesetyenziswa.
- Azivumelekanga izixokolelwane ezizenzekelayo zokugcwalisa kusetyenziswa uvaluvu ongaphezulu kwamanzi osebenzisa umthombo wamanzi aselwayo ukubonelela amaqula okuqubha namachibi aseadini.
- Akuvumelekanga ukuhlamba okanye ukugalela amanzi ngombhobho wamanzi imigangatho eqinileyo okanye iindawo ezizipavumente ngamanzi aselwayo kamasipala. Abasebenzisi, abafana nezilarha zokuxhelela, imizi-mveliso ecokisa necwangcisa ukutya, amaziko onakekelo, iindawo zokugcina izilwanyana neminye imizi-mveliso okanye amaziko aneemfuno ezikhethekileyo (eziphathelene nezempilo/nokhuseleko kuphela) kufuneka benze izicelo zokukhululelwa kwezi zithintelo.
- Amanzi aselwayo awanakho ukusetyenziswa ukuba afumise isanti yokwakha nezinye izinto zokwakha ukuze kuthinteleke ukuba loo santi ingakhukhuliswa ngumoya.
- Iitephu neeshawa ezikwiindawo zokuzinceda zoluntu kufuneka zifakelelwe iitephu zohlobo olulungiselelwe oko.
- Iitephu ezingaphandle, ngaphandle kwezo zikwiipropati zokuhlala, kufuneka zikhuseleke ukuze kuthinteleke usetyenziso lwamanzi olungagunyaziswa.
- Umlinganiselo wesantya sokuphuma kwamanzi kuyo nayiphina intloko yeshawa kufuneka ungadluli kwiilitha ezisi-7 ngomzuzu.
- Umlinganiselo wesantya sokuphuma kwamanzi kuyo nayiphina itephu efakelwe kwisitya sokuhlambela, akufunekanga udlule kwiilitha ezi-6 ngomzuzu.
- Izityana zokukhongozela amanzi ezintsha nezitshintshiweyo kwigumbi langasese azinakho ukudlula kwiilitha ezi-6 ubukhulu.

Jonga uMthetho kaMasipala ongezamanzi wango-2010 njengoko ulungisiwe ngo-2018 - iShedyuli-1 ukuze ufumane umbhalo ongqalileyo.

CINGA NGAMANZI
NAKEKELA OKUNCINANE. YONGA KAKHULU.

www.capetown.gov.za/thinkwater



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. **Sisonke.**